Isalathiso: IMS: 20160119-6684
Ifayili: 2/4/P
Imibuzo: M Molaba

ISetyhula: 0010/2016
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli nakumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo), kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeIMG, kuBaphathi beeKomiti zeeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNtloko zamaziko emfundo

Isishwankathelo esifutshane: *Ingcaciso ngeesetyhula zeWCED ezikhutshwe ngo-2015.*

Isihloko: IiSetyhula zeWCED ezikhutshwe ngo-2015

1. Fumana kuqhotyoshelwe apha uluhlu lweesetyhula ezikhutshwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) ngo-2015.

2. Iisetyhula ze*WCED* zithunyelwa nge-imeyili. Ukuba ezi setyhula zinezihlomelo ezingenako ukuthunyelwa nge-imeyili, iikopi zazo ezingamaphepha zenziwa ukuba zifumaneke.

3. Izikolo, amaziko namagosa makatshekishe qho i-iimeyili zawo, njengoko ezi setyhula zibalulekile ekusebenzeni ngokukuko kweWCED.

4. Izikolo namagosa mabenze iifolda zekhompyutha kwiikhompyutha zabo zokugcina ezi setyhula njengoko kufuneka zigcinwe kwirekhodi ngalo lonke eli xesha zisasebenza ngokusemthethweni.

5. Iisetyhula ezakhutshwa ukususela ekuqaleni kuka-2003 kwakhona ziyafumaneka kwikhasi lewebhu le*WCED* http://wced.school.za/circulars/index-circmins.html

6. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- P A VINJEVOLD
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-03-30